Get more papers from: www.mycourses.co.za

Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**EXAMINATIONS AND ASSESSMENT CHIEF DIRECTORATE**
Home of Examinations and Assessment, Zone 6, Zwelitsha, 5600
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA, Website:** www.ecdoe.gov.za

# 2022 NSC CHIEF MARKER'S REPORT

| | | | |
|---|---|---|---|
| **SUBJECT** | **ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE P2** | | |
| **QUESTION PAPER** | 1 | **2** | 3 |
| **DURATION OF QUESTION PAPER** | **2 $^{1}/_{2}$** | | |
| **PROVINCE** | **EASTERN CAPE** | | |

www.mycourses.co.za

**SECTION 1: (General overview of Learner Performance in the question paper as a whole)**

The learners in this question paper have performed badly as compared to last year's results. Their results show a lack of understanding, lack of knowledge about their setbooks
and unpreparedness for this examination. The paper was fair and the questions were set according to their standard and were within the prescribed setbooks. The concepts used or the terminology was not new, not deep or complicated. It was easy language that and
they should have been familiar with and the type of questioning because they related to the previous years' examinations.
Their performance was disappointing they have failed to score marks in questions that needed them to give names of characters in their setbooks of which if they knew the story well before they sat for these examinations they would have scored marks on such easy questions. The pre-marking results reflected the poor performance that is evidenced in this examination. Although the sample of the pre-marking results was small, it was hoped that the results would change as the number of scripts marked increased.

**SUMMARY OF PAPER 2 IN 2021 AND 2022**

| **LEVELS** | **7** | **6** | **5** | **4** | **3** | **2** | **1** |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **2022** | 3 | 39 | 169 | 388 | 492 | 426 | 432 |
| **PERCENT** | 0,2 | 2.0 | 8.7 | 19.9 | 25.2 | 21.9 | 22.2 |
| | | | | | | | |
| **2021** | 5 | 110 | 441 | 658 | 485 | 126 | 39 |
| **PERCENT** | 0,3 | 5.9 | 23.7 | 35.3 | 26.0 | 6.8 | 2.1 |
| | | | | | | | |

Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za




www.mycourses.co.za

## SECTION 2: Comment on candidates' performance in individual questions

### QUESTION 1

**(a) General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered?**

This question was poorly answered. The performance of learners in this question was a cause for concern. The highest mark scored in this question is 9 out of 35 which is 26 percent and that means the learner that chose this question has lost 26 marks.

Generally, this learner's responses confirmed that she/he was not prepared for this examination or he/she has missed out on proper teaching. This candidate left most of the questions unattempted and some incorrect. He or she scored marks in Questions 1.1.3; 1.1.5, 1.2.5; 1.2.7 and 1.2.8 (a) only. The questions that required them to support their answers was a challenge. They could not answer this type of question as expected. e.g. 1.2.3 – 6.2.3.

### QUESTION 2

This question is on the novel called Umqol'uphandle and was chosen by only 2 candidates. This question was poorly answered because the 2 candidates that chose this question scored between zero and 4 marks out of 35 that means zero percent and 5 percent which was extremely low. The standard of their results confirms that they did not prepare for this examination or they were not taught and assessed in this novel. Instead of giving correct answers they simple copied the questions and lines from the text instead of giving correct answers to the questions.

Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za

**QUESTION 3**

This was the most popular question amongst the candidates. The novel is called uMonwabisi. The performance of learners in this question was fair. The marks show a wide range of results achieved. The highest percentage achieved was 94 percent which is 33 out of 35 marks and the lowest achieved was zero out of 35. There are very few learners that have produced level 7 in this question and the majority were ranging from level 6 to level 1. It evident that the learners that have scored low marks did not prepare for the examination. Candidates swap characters and their roles in some questions and they lost marks.

**QUESTION 4**

This is one of the old set books. Only 1 centre and 2 learners chose this question and the performance was bad because the highest percent achieved was 17 percent that is 7 out of 35 and the lowest scored 1 mark out of 35 marks. This question was poorly answered and that is reflected in the standard of their results. Learners in this question left out lots of questions unanswered or incorrect.

www.mycourses.co.za

**QUESTION 5**

The performance of learners in this question was poor. This is a popular setbook named Inzala YamaRhamba and is about sexual abuse of women especially youth by an old businessperson (hotel owner) who introduced them to drugs and sexual activity for financial profit. The highest percent achieved was 77% which is 27 out of 35 marks and the lowest is zero out of 35 marks. The learners that achieved low marks have misunderstood the questions or did not know the story and gave incorrect responses. Some of the learners left out questions and some were incorrect and lost marks. There are centres that had 57 as the highest percent achieved in this question. Some learners answered 5.1-5.1.3 and all incorrect and left out 5.2 as a whole that means this candidate has lost 35 marks. Some candidates have answered 5.2.1-5.2.4 and stopped and other questions not attempted.

**QUESTION 6**

This a short story book called Ndakuyicela Ivuthiwe. Only a few candidates from 2 different centres chose this question and did not perform well and this is evident in the standard of their results in this setbook. One candidate scored 7 out of 35 i.e. 20 percent and the other candidate scored 4 and 5 marks out 0f 35 i.e. 11 and 14 percent. These results are confirming a lack of knowledge about this setbook or unpreparedness for this examination or they were not taught at all. Some of the answers are in the texts provided but they failed to identify such answers. For an example question 6.1.3 and 6.1.4. Most candidates have left out most of the questions unattempted or incorrect. Their performance confirms that the learners were not prepared for these examinations and some do not know this set book.

Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za

**QUESTION 7**

This question is on poetry. The performance in this question was not satisfactory. The highest percent achieved was 71 and the lowest was zero (0) percent. The learners that have scored low marks did not prepared well for this examination and cannot analyse poetry. The results ranged between level 6 and 1.

**(a) Why the question was poorly answered? Also provide specific examples, indicate common errors committed by learners in this question, and any misconceptions.**

Only one candidate chose to answer this question.

In 1.1.1 the response in this question was " Kungokuba uyinzalelwane " which was incorrect.

In 1.1.2 the candidate left out the question on "isafobe" and could not correctly explain the concept asked.

1.1.4, 1.1.6 – 1.1.9 were all left out unattempted.

1.2.1-1.2.4 and 1.2.6 were left out, not attempted.

In 2.1 & 2.2 only 2 candidates chose this question. The highest percentage achieved is 11 percent and the lowest zero percent. These candidates did not know the story, they left questions unattempted and they lost marks.

In 2.1.1- 2.2.8 very few learners chose this question and scored extremely low marks. They did not know this setbook.

3.1.2 Candidates in this question could not identify the concept "isafobe" and some failed to explain what is its function, some candidates only gave the function of "isafobe" in that sentence and scored only 1 mark. The majority of the learners did not answer this question. "The figure of speech "**njengebesivalelwe"** challenged them.
Instead of giving the correct answer, they gave a "literal meaning and did not show the seriousness of that figure of speech. Their answer was waba nomsindo uThandabantu which was incorrect.

3.1.3 This question was well answered. Candidates who failed to score marks in this question gave an incorrect response. They were required to identify the timeline from the text provided and instead they used the knowledge from the whole story. Eg Inqwelo-mafutha and that was incorrect.

3.1.4 This was a very easy question. Candidates were required to mention Thandabantu's good deeds to prove how much he valued people in his community from the story.
The Marking Guideline provided lots of answeres but some candidates could not score marks. Khankanya might have been the reason for incorrect responses provided by the learners, they did not know the meaning of the word Khankanya (mention)

3.1.5 This question required candidates to mention the event that occurred because of Thandabantu's ill-treatment towards his workers. Instead of giving the correct answer, some candidates copied the question as it is, in place of the correct answer.

Source: www.mycourses.co.za

www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za

3.1.6 This question required candidates to confirm that uMamTolo was Thandabantu's supporter in the business. Instead of quoting from the story the good deeds that MamTolo did to support uThandabantu , their answer was uMamTolo ngumfazi kaThandabantu ekhulisa abantwana and that was incorrect.

3.1.7 Candidates have failed to interpret this question. Their response was uThandabantu babengayazi ukuba wayetshonelwa ngamashishini alahlekelwe yimali which was incorrect and they lost marks.

3.1.8 a) The term "Phawula" was challenging to some candidates. They misunderstood the meaning and gave incorrect responses. For an example, instead of giving a correct answer, their answer was " Abantu babesuka kwezinye iilali bezo kuxhasa ushishino and were incorrect.

b) This question required candidates to give reasons why blaming Thandabantu about witchcraft was not acceptable. Their answer was Kuba kaloku zange yenzeke kubo baphungulelwe ngabantu bezinye iilali, and that was incorrect.

3.1.9 The concept "uphawu" was the cause of incorrect responses. This question required a character trait that thy would like about Monwabisi's character. Instead of giving one word they gave a wrong explanation. For an example they were expected to say" ukuthembeka/ ukunyaniseka etc. Some said Ndinganqwenela ukuba uMonwabisi aphathwe ngendlela efanelekileyo nguMamTolo and that was incorrect, which was their wishes for Monwabisi.

3.2.6 Candidates could not give a correct answer to this question because they misunderstood what the question required. Their response is uMonwabisi wavusa amashishini kaThandabantu and that was incorrect.

3.2.8 They chose a correct answer for the choice question and failed to substantiate using the knowledge from the story and they lost 2 marks.

4.1.1- 4.2.8 Very few learners chose this question and they have scored extremely low marks.They do not know this set book.

www.mycourses.co.za

5.1.1 Some candidates did not score marks in this question. Instead of giving a correct answer. Their response is uDina ukhathazwe kukugxothwa nguThambolenyoka kuba ekhulelwe.

5.1.2 They do know "isafobe" instead they give an explanation.

5.1.3 Candidates do not know the functions of stage directions. Their responses in this question ranged from sesokubona, sesokuva, to giving explanation of what the character Gxalaba was doing at the time and these were incorrect.

5.1.5 The question required an event that happened after the conversation in the text. They did not know the chronological order of events in the story. Their response was kuDina wafumana umntwana kuPasta and they lost marks.

5.1.6 The question required candidates to confirm that Zanoxolo supported Dina in this drama. Their incorrect response was uZanoxolo wayemdibanisa nabazali babo and they lost marks.

5.1.7 Candidates could not explain the irony in this question and they lost marks.

Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za

5.2.2 They give a literal meaning of the expression "usingaye"

5.2.3 Candidates have failed to explain the emotions Thambolenyoka had about uDina's presence in his hotel using the information in the text provided.

5.2.4 Candidates mentioned names that are not in the story and they lost marks.

5.2.6 The phrase "ukutshintsha ingqondo" was misinterpreted and they lost marks.

5.2.7 Candidates could not differentiate between an ordinary duty and the duty this character excels in. The condidates could not differentiate between the level of loyalty that the character Noyongo showed to her employer compared to the rest of the employees. The phrase "ukubonakalise njani ukuthembeka…." In the question demanded that learners be able to pick out Noyongo's deeds that set her apart from the rest of her colleagues.

6.1.1 Candidates have failed to give a correct answers even though the answer is in the Text. For an example in 6.1.1 The candidate is asked why is Zolani charged. The answer is, he is charged for rape. The text is about uZolani and Nompoxeko in court and the context is about rape, but the candidates failed to give a correct answer. Instead of saying it is about Zolani raping uNompoxeko, their answer was the clothes were on the table and that was an incorrect response.

6.1.2 In this question they are asked to identify "isafobe" from the underlined text and what is the figure of speech explaining in that sentence. Instead of identifying "isafobe" they leave the first part of the question blank and they lose marks or they start by giving a wrong interpretation or explanation of the "isafobe" and they lost marks.

6.1.3 They did not know what is meant about "ixesha lokhanyo" and were referred to the text but could not pick out the correct features that indicate timelines from the text.

6.1.4 The question is asking them to mention 2 things that were used as evidence that Zolani had raped Nompoxeko. The evidence was in the text, it was "ipensile and the clothes on the table, but they could not identify the answer and they lost 2 marks.

6.1.5 This question was about the event/ isiganeko that happened after what was in the text. They could not give a correct answer which was kukubanjwa kukaZolani endlwengula uNonkanyezi, instead they said ubalekile and that was an incorrect response.

6.1.6 The term Ngqina and umxhasi in this question was the reason for incorrect responses. Instead of giving the correct answer their response was Ewe, uye wathetha njengomntu ongqinayo which was incorrect.

6.1.7 The question was required isigqebelo. What is it that Nompoxeko did not expose in court about her and Zolani? Their answer was"uthethe ngokujijisana wade woselwa ngummngalelwa and that was an incorrect response which meant that they did not know the story and they lost 2 marks.

6.1.8 The concept "phawula" in this question was the reason for candidates to lose marks.

a) The question was asking the candidates to note the way Nompoxeko was treated by the court. Their response was "uyinike le ngxelo weva kuthe ngco and that was incorrect and they lost 1 mark.

Source: www.mycourses.co.za
www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za

b) The question is "give the reason why the treatment was not acceptable?" The candidate's response was "Wajijisana wade woselwa ngummangalelwa" and that was incorrect and lost 2 marks.

6.1.9 Candidates have misunderstood the term "uphawu" Instead of giving one word or Phrase. For an example instead of saying "uphawu. "Kukuba ligorha" the candidate said, "Ngase ummangalelwa aqhwatywe" and was an incorrect response and lost marks.

6.2.1 The candidates' answer in this question is "Amadoda aye yekuxhela kwaMandulele instead of saying" ayeye kungcwaba" and they lost a mark.

6.2.2 The question "lizisa ntsingiselo ni igama elikrwelwe umgca,"noquko". The answer is Kudala kakhulu/ the candidate's response is Bahlukana ngokukhawuleza and that is incorrect and lost 2 marks.

6.2.3 The question "wayevakalelwa njani ?/ the feelings is not always articulated properly.

The answer was wayekhathazekile, the learner's response is wayelila inyembezi zisehla and they lost 1 mark. The second part of this question is: support your statement using the knowledge provided in the text. The learners substantiate incorrectly they use information from the whole story or give an incorrect response.

6.2.4 This was an easy question asking the names of characters but learners gave incorrect names and they lost 2 marks.

6.2.5 Candidates have failed to give a correct answer in this question because they did not know the story.

6.2.6 Candidates do not listen to the question and were not awarded marks. For an example. Instead of giving the correct answer he/she copied a line in the text "Kwezi veki besihamba ezinkundleni sisilwa and that was not the correct answer for this question.

6.2.8 Some learners give incorrect answers some do not attempt or answer only the first question ie libali elingemiba yentlalo and leave out "ukuxhasa" and lost marks.

www.mycourses.co.za

7.1.1 Candidates quoted the number of the line instead of giving the correct answer.

7.1.3 They could not differentiate between iOKthevu and Sestethi in a sonnet.

7.1.5 Candidates could not identify "Isafobe" and the type of the figure of speech.

7.1.6 They do not seem to understand what the concept "umfanekiso-ngqondweni" refers to.

7.1.7 Candidates have failed to identify the rhyme scheme in the couplet.

7.2.2 Some candidates could not identify the two words that confirm that indoda yokwenene iyacenga, they used their own interpretation that is far from the context.

7.2.4 Candidates have failed to interpret the phrase "exovaxova eb'enyanyova". They just copy the line as it is.

7.2.9 The concept "ithoni" was difficult for the candidates to explain.

Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za

**(b) Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning**

Learners must be clearly informed of how to choose questions and books that they read in class and not attempt to answer all the questions in the question paper. The policy is very clear on this issue that only the first two questions will be marked and the rest will be ignored. Numbering in this exam has been a concern.
Some learners have lost marks due to incorrect numbering. Teachers should give learners some activities that will encourage them to choose questions and how to observe the numbering of items in the question paper. It is very important also to motivate learners to stick to the language of assessment when responding to the questions, for example, instead of writing, iziyobisi they use izidakamizwa which is not an acceptable isiXhosa language but isiZulu so they lost marks in all the questions that had reference to iziyobisi.
Learners must be taught to read and understand the question before they answer. When teachers are doing revision using past examination papers, they must actually teach the learners how to answer questions and also refer learners to the set book concerned and not give learners the memorandum because they seem to be over reliant to past examination marking guidelines and they miss out the correct response required by the question in an examination. Special attention to the instructional verbs such as 'ngcingani eziswa ligama…/ xhasa/ phawula etc should be given so that the learners are familiar with them in all the activities.
It is of outmost importance that guidance be provided to the private candidates as they seem to be in the dark as to how to tackle particular questions in the paper. The paper carries seven set books, 3 novels, 2 drama set books ,1 short story and 1 poetry set book and its 4 genres in total.
They must be guided because it seems that they do not know that they are to prepare and choose only two set books for the examination. They answer more than two questions as a result that had a negative impact on the standard of their results. The poor performance reflected in the 2022 Exam results is mainly from candidates who seem not to have been taught at all. There are centres where candidates obtained from 00 out of 70 to 17 which was their highest mark.
Candidates should be taught the sequence of events (iziganeko) in the story. It is advised that as the genre is being introduced in class, teachers should give homework to learners that they must find out who does what and when in the story. This way they will work in groups to arrange the events in their sequence. This exercise could also lead to a clearer understanding of the difference between isiganeko and isenzo.
The 2022 candidates did not understand the story line something which could have afforded them marks as most of the questions were seeking story line responses. Teachers should encourage learners to read for understanding.

www.mycourses.co.za

Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za

**(d) Describe any other specific observations relating to responses of learners and comments that are useful to teachers, subject advisors, teacher development etc.**

It is imperative that teachers familiarize learners with the terms used in different set books. It is also suggested that teachers pay particular attention to literary concepts such as imifanekiso-ngqondweni, imifanekis-ntelekelelo. Abafundi abakwazi ukwahlula umbuzo ofuna umfanekiso-ntelekelelo kofuna umfanekiso-ngqondweni. Babonakala bengakwazi kwa ukuzahlula ezi concepts. Izafobe,: endaweni yokuthi sisifaniso they write sisifanekiso which is not the term that refers to the simile. Abafundi babhala naliphi igama endaweni yesafobe, abaniki safobe kuphela bade abanye banike inkcazelo yoko kufuneka bekuthiye ngesafobe. Umzekelo ngumbuzo 5.1.2 Nika isafobe esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwinkcaza… basuka bapbinde babhale yonke laa nkcaza bengasichonganga isafobe eso.

Pertaining to stage directions: abafundi ababonakalisi kuzazi iimfuno zezalathisi zaseqongeni kuba basuka batolike oko kukwizibiyeli endaweni yokunika iinkcukacha ezifumaneka kwizalathisi zaseqongeni. Malunga neendidi zeejenra abafundi bayasokola ukuzalanisa ijenra abayifundisiweyo nodidi lwayo. Bathi sele bekwazile ukuqashisela phakathi kweendidi abazinikiweyo embuzweni kuphinde kubenzima ukuxhasa olo didi alukhethileyo ngokuhambela nokusebalini. Umzekelo: bathi sele betshilo ukuba le yidrama eyintlekele-siyolisi kubenzima ukucacisa ubuntlekele kuyo kwakunye nokuyolisa kuyo. Bahamba necala elinye kuphela. Teachers must encourage learners to understand the difference between the genres. Another difficult question for the learners was where they were asked to state one of traits they would like about a character, uMonwabisi or uKuku in the story. Endaweni yokuxela olu phawu banokulunqwenela basuka bayizise kubo ngokuthi, "ndinqwenela ukuba uMonwabisi afumane oku noku… which shows lack of understanding of the features or traits.

www.mycourses.co.za

Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za

www.mycourses.co.za

Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

www.mycourses.co.za

**IBANGA 12**

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## NOVEMBA 2022

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**Olu viwo lunamaphephepha angama-27.**



Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


## IMIYALELO NENGCACISO

Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

1. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

2. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

   | | | |
   |---|---|---|
   | ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
   | ICANDELO B: | Idrama | (35) |
   | ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
   | ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

3. Phendula imibuzo emiBINI kumacandelo amaBINI, ngolu hlobo:

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

   Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

4. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

5. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

6. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

7. Sebenzisa imizuzu engama-75 KWICANDELO NGALINYE.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

www.mycourses.co.za


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


## IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.** | | |
|---|---|---|
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol' uphandle* | 35 | 8 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 11 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.** | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 14 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 18 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 'Umhlahlo ngamehlo' | 18 | 22 |
| | | |
| 6.2 'Ngumntu onjani lo?' | 17 | 24 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 7.1 'Indoda yokwenene' | 18 | 25 |
| | | |
| 7.2 'Mfazindini wase-Afrika' | 17 | 26 |
| | | |

www.mycourses.co.za


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


**ITSHEKHLISTI**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emibini kumacandelo amaBINI.
Phawula (√) amacandelo owakhethileyo.

| ICANDELO | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>(*Kusa Kusihlwa*)<br>(*Umqol' uphandle*)<br>*(UMonwabisi)* | 1–3 | 1 | |
| | | | |
| B: Idrama<br><br>(*Ndiyekeni*)<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Umhlahlo ngamehlo')<br>('Ngumntu onjani lo?') | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | |
| D: Isihobe<br><br>('Indoda yokwenene')<br>('Mfazindini wase-Afrika') | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

www.mycourses.co.za


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol' uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo.

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 **ISICATSHULWA A**

Waphuma wonke umgwenye obomvu, wazinikela kwezi zawukawu. Lathi lingekaqalisi netheko kwaba sekuvakala, ukutshongola nokungqungqa kweemazi ezimabele made ukanti iintshili neenkxentsi apha ekhabeni nakumthinjana zazisina iingodwane. Ufazana olu lwalude luphukaneke <u>luyiyizele ngokungathi ngumhla womtshato okanye ngogayi</u>. Onje wona umhla awuzange ulityalwe kuba wawuzibalula ngentlutha neziyunguma.

Zenziwa iintetho zizinxiba-mxhaka zasemaMpondweni zidibene nemantyi yaseLusikisiki. Kwakuzele ngabanye oogqirha baPhesheya kweNciba. IKumkani yamaMpondo aseQawukeni yona yabachaza abantu ngokuthi entethweni yayo: 'Ngenxeni yokuba amatheko alolu hlobo enqabile, kuyimfuneko kuthi bazukulwana bakaPhaho ukuba sithi le ndebe izele yincindi yenkqubela yakufika phambi kwethu siyingcamle ngeentliziyo ezingenamkhinkqi, ukuze siyetyise side siyityekezele nakwizizukulwana zethu. Thina maMpondo sinethamsanqa kuba namhlanje sizalelwe unyana, othe naxa imfundo yakhe eyifumene elizweni, kodwa inkaba yakhe yamtsalela ekubeni eze kokwabo kooyise. Ke lusapho lukabawo, msingatheni lo mntwana kuba ngowenu; akuphuma endleleni mthundezeni, ningadinwa nguye kuba akayi ndawo. Wena ke nyana, mzukulwana kaGadla, naba abantu bakowenu, amaMpondo omthonyama uqobo, othande ukuba uze kusebenza kuwo. Nawo akwamkela ngothakazelo nangovuyo njengenzala yalapha. Egameni lomzi wasemaMpondweni, ndikunqwenelela impumelelo nekamva eliqaqambileyo.' Kuthe emva kokuba kuthethe ikumkani, kwadubula ufafa olude, utyingotyingo olugetyeza okwengcongolo yodada.


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


1.1.1 Xela ukuba kwakutheni ukuze eli theko libanjelwe eLusikisiki. (2)

1.1.2 Nika isafobe esifumaneka kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa uze uxele ukuba sicacisa ntoni ngeli theko. (2)

1.1.3 Xela izinto zibe MBINI ezivelayo kwesi sicatshulwa ezibonisa ukuba eli bali liqhubeka kweli xesha lokhanyo. (2)

1.1.4 Khankanya ngokwasebalini izinto zibe MBINI ezingqina ukuba abantu baseLusikisiki babemxabisile uMpumelelo. (2)

1.1.5 Sesiphi isiganeko esenzeke kwitheko likaMpumelelo elaliseThekwini? (2)

1.1.6 Nggina ukuba uNtongana ungomnye wabaxhasi bakaNozililo kule noveli. (2)

1.1.7 Yintoni awayengayazi uThamsanqa malunga neyelenqe lokuzama ukutshisa ivenkile yakwaNtsibande? (2)

1.1.8 Phawula ngokungafaneleki kokubangwa kwevenkile yakwaNtsibande ngabakwaMakhwetshu.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Ibango labakwaMakhwetshu ngale venkile. (1)

(b) Isizathu sokungafaneleki kwebango labo. (2)

1.1.9 Nika uphawu lube luNYE ongalunqwenela kwisimo sikaYolisa kweli bali. (1)

**KUNYE**

www.mycourses.co.za


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

Isibhedlele sikaMpumelelo sineminyaka emihlanu sikho. Amasebe asele akhiwe ukusandisa mathathu. Kukho eli lokunyanga wonke ubani, kwaza kwakho eli labagula zizifo eziyelele engqondweni, laza elinye yaleli lezifo zemiphunga. Sinoogqirha abane abasisigxina esibhedlele ngaphandle kwabeza besuka ezindaweni abasebenza kuzo ngaloo mihla beza ngayo. Sifumana inkxaso evela kuRhulumente ngonyaka ngamnye.

Sineqela elimnandana labongikazi bamahlelo onke. Into kaNtsibande yongamele ngokwasemagunyeni kaRhulumente kangangokuba seyakhelwe indawo yokuhlala kwalapho phakathi esibhedlele, eli xa inkosikazi igcine amashishini abo ekhaya. Amashishini eThekwini asaqhuba ngokungenasikhwasilima. Unyana kaMpumelelo kuthiwa nguMzamo. Unodade wabo, isomikazi ekuthiwa nguNangamso. Apha esixekweni sekuzele iikliniki athathe inxaxheba ekusekweni kwazo uMpumelelo, nathi azivelele ngamaxesha athile. Abantu bayabuthakazelela ubukho bazo kuba ziluncedo. Kodwa kuzo zonke ezi zinto, umhlaba ubungasoloko usihla. Kwenye uthe xa ancedisa omnye umongikazi owayethunyelwe ukuba aze kongamela ikliniki, wagxothwa kakubi liqaqobana lamadoda ekwakubonakala ukuba akamazi ukuba ungugqirha. Kaloku ugqirha owayesaziwa wayengumntu oMhlophe. Enye indawo ngenxa yokuba semva kwale lali kwacaca ukuba aba bantu abayingene into yokuba inesi ibe ngumntu oyintombazana kuba babesithi abanakuthumela abafazi babo baze kuzaliswa ngamantombazana.

1.2.1 Xela ukuba kwakutheni ukuze isibhedlele sikaMpumelelo sibe namasebe amathathu. (1)

1.2.2 Lizisa yiphi intsingiselo ngoogqirha besibhedlele sikaMpumelelo igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwinkcaza engezantsi?

Sinoogqirha abane <u>abasisigxina</u> esibhedlele. (2)

1.2.3 Ayevakalelwa njani amadoda elali ngokusebenza kwenesi eyintombazana kwiklinikhi yendawo yawo? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olukwisicatshulwa. (3)

1.2.4 Nika amagama abazali bakaMpumelelo. (2)

1.2.5 Xela izinto zibe MBINI ezenzeke kuMpumelelo ezisisiphumo sezenzo zabakwaMakhwetshu kubazali bakhe. (2)

1.2.6 Wenza ntoni uZet ukuze uMpumelelo abe nomsindo emdaniswени? (2)

1.2.7 Ukubonakalise njani uThamsanqa ukuthembeka kwakhe kusapho lukaLungile? (2)

1.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.

Le noveli (yinoveli engemiba yentlalo/yinoveli engolwaphulo-mthetho). Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (3)

**[35]**


Source: www.mycourses.co.za
www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


## UMBUZO 2: *UMQOL' UPHANDLE* – MAP Ngani

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

### ISICATSHULWA C

Uphinde wadimbaza umf' omkhulu kuba ingxowa leyo yayingxalwe kanobom. Engadubekanga kuyaphi uthe gqi kwinto abengakhange abenathemba lakudibana nayo nasemaphupheni akhe, eyona nto phofu abekade eyizungula – intw' emnyama yomkhon' ekati!! Uqale ngokothuka, izibilini zenyuka kwanga sewujoliswe kuye. Zithe zakuthi gingxi, wazinika ithuba elimnandi lokusijongisisa esi sikrweqe-isikrweqe sokufinyeza umlo.
Uzibambe sel' efuna ukukhwaza ngumothuko akuphawula ukuba lolo hlobo kanye wayeluzungula – i-.38 automatic. Ukhawuleze wawufaka kwasengxoweni yakhe yebhatyi. Akafumananga yimbi enomdla kuye emva koko. Uzicwangcise kakuhle zonke iimpahla abezithaphulula, ezama ukuzibeka ngeendawo zazo ukuzibuyisela kwingxowa abezifumana kuyo. Nengxowa uyibuyisele kwindawo abeyifumene ikuyo. Naanko ephinda echwechwa ukuya kuphuma ngomnyango. Uphinde wawuvala kancinci, engaphandle ngoku. Uthe akubhekabheka akabona mntu wumbi ngaphandle kwalaa mfana, naye esaqondele kwelaa thayala, selebile ngathi uhlinza ubhobhoyi, embombozela eyedwa, ethukisela – kwalaa mntu ebesithi uwuhlabile! Uphinde wee guququ, wajongana nomnyango kwakhona. Uqale ngoko ke ukucinezela elaa qhosha ebeyalelwe ngalo kwakudala wacinezela walinda akugqiba. Kwakulinde into engasazivayo kukungxama, umthandazo wakhe umnye – ingowokuba umfana wamathayala angabheki. Wayesoyika ukuba abhaqwe esemi apho emva kwethuba elingako bahlukene nomfana. Lude lwavulwa ucango. 'Uxolo nkosazana ngobu bukrwada bokukuphazamisa ukwamnandi amaphupha,' ...

www.mycourses.co.za

2.1.1 Xela ukuba kwakutheni ukuze uHlobo abe uyawuzungula lo mkhono wekati uyi-,38 automatic. (2)

2.1.2 Nika isafobe esifumaneka kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa uze uxele ukuba sicacisa ntoni ngalo mfana kuthethwa ngaye. (2)

2.1.3 Xela izinto zibe MBINI ezivelayo kwesi sicatshulwa ezibonisa ukuba eli bali liqhubeka kweli xesha lokhanyo. (2)

2.1.4 Khankanya ngokwasebalini iindawo zibe MBINI aqale wayokuphanda kuzo uHlobo phambi kokuza kuphanda kwaLinda. (2)


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


2.1.5 Sesiphi isiganeko esenziwe nguHlobo emva koku kuqhubeka kwesi sicatshulwa? (2)

2.1.6 Ngqina ukuba uDuma Hlelo ungomnye wabaxhasi bakaLinda. (2)

2.1.7 Yintoni le wayengayazi uHlobo malunga nenkosikazi yakwaHobe awayedibene nayo esikhululweni samapolisa? (2)

2.1.8 Phawula ngokungafaneleki kwesigqibo samalungu ase*Moonglow Night Club* sokuthengisa intsangu e*Moonglow*.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Imbono yamalungu ase*Moonglow* ngokuthengisa intsangu. (1)

(b) Isizathu sokungafaneleki kwesigqibo sawo. (2)

2.1.9 Nika uphawu lube luNYE ongalunqwenela kwisimo sikaDuma Hlelo kweli bali. (1)

www.mycourses.co.za

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

'Ndiyakhumbula ngoku ... Ndiyalingqina elakho, uEddie wayeza kuwuphucula umbutho wakhe. Yayingumhlobo wam omkhulu lowo. Mhla ndacinga ukuvula ishishini ngemali yelifa likabawo, ndaya kufuna icebo kuye. Ndandisaxakwe lishishini emandiliqhube.' 'Ndimamele, Joe.' 'Wawuse uqhuba umbutho wase*Moonglow*, naye esequmrhwini elilawulayo. Indlela awavuya ngayo ndakuza naloo ngxaki ndisayikhumbula nanamhlanje. Eyayimvuyisa kukucinga ukuba ndineenjongo zokuba ngomnye wequmrhu elo labo. Wazinika ithuba, echaza ngokubanzi yonke inkqubo yabo, esithi ndofumana umvuzo wenyanga rhoqo njengabanye bequmrhu, umvuzo owoxhomekeka kwixabiso lemali endirhume ngayo ekungeneni kwam kubo, endixelela nokuba ekupheleni konyaka amalungu equmrhu alindelwe sisabelo esifunyanwa ngenzuzo eyenziwe ngumbutho enyakeni.' 'Waliyeka, mfondini, elo cham wawunemali nje?' 'Ndaliyeka, Dick. Ndaliyeka sendikufuphi ukuba ndiwe. Ngoko ke ndandingekabuphawuli ubuxelegu balo mbutho. Ndajityilikiswa kwanguEddie lo-wayenyanisekile ke mfondini lo Eddie. Phofu naye akazange alitsolise elokundinqanda. Wathi akuphawula ukuba ndandingasuke ekhaya ndisekeleze ukungena mbuthweni wakhe, koko ndize nje ukuza kufuna cebo limbi kuye, waqala ukuba phandle ngemeko yombutho, endixelela oko kungandiliseki kwawo. Naye wathetha le uyithethayo, eyokuba ukungandiliseki kwawo kubangelwa kukuba usaqala.' 'Wayenyanisile, Joe.' 'Ndiyabona wavuya ndakumxelela ukuba ndizele ukuba andicebise ngamanye amashishini. Ndamxelela ukuba ndifuna into endilisekileyo. Phofu ke sashiyana sinqophisene ...'

2.2.1 Xela ukuba wayeyokwenza ntoni uDick kwaJoe Bumba. (1)


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


2.2.2 Izisa yiphi intsingiselo ngoJoe Bumba inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwintetho engezantsi?

Ndaliyeka <u>sendikufuphi ukuba ndiwe</u> ... (2)

2.2.3 Wayevakalelwa njani uEddie ngombutho i*Moonglow Night Club*? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olukwisicatshulwa. (3)

2.2.4 Nika amagama eentokazi ebezithandana noEddie kule noveli. (2)

2.2.5 Xela izinto zibe MBINI ngokwasencwadini ezenza ukuba uLinda abe ngumrhanelwa kwityala lokubulawa kukaEddie Maga noLulama Zuma. (2)

2.2.6 Wenze ntoni uDuma Hlelo ukutshintsha ingqondo kaHlobo malunga nokurhanela uLinda ngokufa kukaEddie? (2)

2.2.7 Ukubonakalise njani uJoe ukunyaniseka kwakhe kumhlobo wakhe uEddie? (2)

2.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.

Le noveli (yinoveli engemiba yentlalo/yinoveli yophando). Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (3)
**[35]**

www.mycourses.co.za


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

Ezi ntetho zazingemnandanga ngomphanga wonyana wakhe zamkhubekisa kanobomi uThandabantu. Wathi ebathanda ebaxabisile abantu waguquka ngoku uRhadebe wababona ngamehlo wambi. Wakhulelwa yingqumbo engathethekileyo ngakuluntu lwalapho. Waba ngathi wonke loo msebenzi mhle wayebenzele wona bawulibele kumbi bayamgxeka ngawo. Wathi ebekade eyimvuzemvuze engakhethe bani ngobubele, waguquka waba njengebesivalelwe sodwa ithuba elide isilo, ngumsindo awayeba nawo.

Enye into eyayongezelele loo nzondo nempindezelo wayesel' enayo kukufumanisa ukuba apho kuloo mashishini akhe abo basebenzi wayebaqashile babeyiba loo mali ingenayo. Wavumbulula iqumrhu lobuqhophololo elibandakanya iqela elininzi kwabo basebenzi bakhe, ingakumbi abo wayebaqeshe ngokuthi banolwazi ngasekuphatheni amashishini. Babeneencwadana zabo zomgunyathi apho babebhala khona, ezo ziqinisekiso zokuthenga ukuze banike abathengi abo. Bona ke babesala bethatha imali leyo ukuze kweyona yenyani incwadi yeziqinisekiso kungaveli kuthenga ukuze kube ngathi akukhange kuthengwe nto. Bona abathengi babehamba beqinisekile ukuba bathengile akukho buqhophololo kuba neziqiniseko zoko banazo. Le ndlela yokuba le mali yaqhuba ithuba elide ingaqapheleki kuba abo babebandakanyeka kuyo babeyigcine iyimfihlo yabo bodwa. Lathi livela elo qhinga labo wabe esithi xa abalayo uRhadebe afumanise ukuba ininzi imali emkileyo.

3.1.1 Xela ukuba zazisithini ezi ntetho zazimkhubekisa uThandabantu ngomphanga wonyana wakhe. (2)

3.1.2 Nika isafobe esifumaneka kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa uze uxele ukuba sicacisa ntoni ngoThandabantu. (2)

3.1.3 Xela izinto zibe MBINI ezivelayo kwesi sicatshulwa ezibonisa ukuba eli bali liqhubeka kweli xesha lokhanyo. (2)

3.1.4 Khankanya ngokwasebalini izinto zibe MBINI ezingqina ukuba uThandabantu wayebaxabisile abantu. (2)

3.1.5 Sesiphi isiganeko esenzeke ngenxa yokuphatha kakubi kukaThandabantu abasebenzi bakhe? (2)


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


3.1.6 Ngqina ukuba umamTolo ungomnye wabaxhasi bakaThandabantu kwezoshishino kule noveli. (2)

3.1.7 Xela into ababengayazi abanye oosomashishini ngempumelelo kaThandabantu kwezoshishino. (2)

3.1.8 Phawula ngokungafaneleki kokutyholwa kukaThandabantu ngabanye oosomashishini ngokuthwalela ubutyebi.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Imbono yabo ngempumelelo kaThandabantu kwezoshishino. (1)

(b) Isizathu sokungafaneleki kwesityholo sabo. (2)

3.1.9 Nika uphawu lube luNYE ongalunqwenela kwisimo sikaMonwabisi kweli bali. (1)

www.mycourses.co.za

**KUNYE**

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

UMonwabisi wababalisela ukuba kwiveki engaphaya kwaleyo yayiphelile kwafika amagosa karhulumente ajongene nezakhiwo, ulwakhiwo lwazo nokhuseleko lwazo. Afika ke apho kwaSihlunu adenda zonke ezo zakhiwo zaloo mashishini akhe, ngelithi zonke zidala ngoko ke mazidilizwe kuba zaziyingozi kubo bonke abangena okanye abasebenza kuzo. Loo myalelo ke wawubangelwe yinto yokuba kwathi kukho inkanyamba ehamba nomoyakazi omkhulu kwawa esinye sezo zakhiwo kwenzakala abantu abaliqela ababengaphakathi kuso ngelo xesha. Befika zivaliwe nje ezo zakhiwo kungokuba loo magosa akazange avumele mntu osondela kwa-ukusondela kuzo. Wema nematha uThandabantu exakwe yinto amakayenze. Eneneni zona ezo zakhiwo zazisele zizidala kungekuko ukuba uyamonelwa kwathini. Iminyaka engaphaya kwamashumi amathathu ayedlulile zakhiwayo. Ingxaki ke yaba kuye, kuba ukuzidiliza yayithetha ukuba sisiphelo sakhe eso kuba ngokwengeniso yazo yayiza kuba yinkcitho ukuphinde akhe ezinye kuba kwa-ezi zazingenayo. Phinda ke ukhumbule ukuba uRhadebe ngulowo wabetha ngenqindi phantsi esithi akungekhe kuthengiswe nelinye kuloo mashishini akhe.

Eyona nto yamfaka engxakini ke yiloo nkcitho wayejongene nayo nokuba wayeza kuthatha siphi kwezo zigqibo wayejongene nazo. Njengaye nawuphi na ke usomashishini, uRhadebe wayengayifuni kwaphela inkcitho, kude ke kugqithise kuye njengokuba wayesele aluphele. UmamTolo waqonda ukuba makathule ...

3.2.1 Xela ukuba ayezokuthini amagosa karhulumente kwaThandabantu. (1)

3.2.2 Izisa yiphi intsingiselo inkcaza engezantsi?

Wema nematha uThandabantu ... (2)


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


3.2.3 Wayevakalelwa njani uThandabantu malunga nokudilizwa kwezakhiwo zamashishini akhe? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olukwisicatshulwa. (3)

3.2.4 Nika amagama eentombi zikamamTolo. (2)

3.2.5 Xela izinto zibe MBINI awaphelelwa ngumdla kuzo uThandabantu ngenxa yengqumbo awayenayo. (2)

3.2.6 Wenze ntoni uMonwabisi ukutshintsha ingqondo kaThandabantu malunga nokudilizwa kwezakhiwo zamashishini? (2)

3.2.7 Ukubonakalise njani uMonwabisi ukuthembeka kwakhe kusapho lwakwaSihlunu? (2)

3.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.

Le noveli (yinoveli engemiba yentlalo/yinoveli engolwaphulo-mthetho). Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

www.mycourses.co.za


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


## ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* nguDM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

### UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2.

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

*(Ngentsasa yoMgqibelo sibona uFuneka noZanele ukuvuka kwabo.)*

FUNEKA: Yazola imini yeemini. Uhleli Zanele?
ZANELE: Kudala ndihleli intokunayo ndibambe eshushu intlanganiso.
FUNEKA: Ulumke ungazisikeli enqatheni, hleze linqume ukuba akuyi kucwaya yonke into.
ZANELE: Yakungena intaka endlwini ayibuyi lubuyayo.
FUNEKA: Mawo! Intlwa ayibanjwa ngentloko isavela. Buza kuthi bhabha. Namhlanje le ndlu kufuneka ilungiselelwe ukufika kookumkani. Impahla mayime ngolunye uhlobo.
ZANELE: O! Nkosi yam! Ndinga andingezinikezeli elubala.
FUNEKA: Keep your charm and don't lose your head. Indoda yenze ikuzingele ungawugquki umkhondo.
ZANELE: Izitulo ziza kuma njani?
FUNEKA: Yekela kum wena. Inkosana yohlala apha, wena uze uhlale kwesi sijongene naso, nikwazi ukungqalana. Enye into ke ndoyiyekela kuwe sana, umdala ungaka nje.
***(Atsho ezalatha izitulo.)***
***(Ukutshona kwelanga.)***
FUNEKA: Zonke izinto zimi ngoonina *(Kulungiswa iitafile zizele zizityo, eyeziselo iyodwa, eyokutya ikwayodwa.)*
ZANELE: Masikhawulezise ntanga, nantsi ifika imoto yokuqala. *(Bakrobe.)*
*(Kungene aba bantu: M Loni, Lizo Mfula, Jerry Deyi, Molo Faku, Mandla Tuku, David Yani, Zaci Lindiwe, Pumla Fesi noLinda Moya. Kubuliswene kwahlaliwa phantsi.)*
FUNEKA: Mkhaya betha soje, ungenzi mlembelembe wabavangeli.
JERRY: Kulungile mkhaya, inkomo sele ilungele ukuhlatywa, amade ngawetyala. Boys and girls, namhlanje sivuyisana nomkhaya wam uFuneka. Niyazi ukuba akanyotywanga koko uvaviwe ngemfaneleko ekuphumeleleni ...

www.mycourses.co.za


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


4.1.1 Xela ukuba yintoni le yayisenza ukuba uZanele abambe eshushu intlanganiso. (2)

4.1.2 Nika isafobe esifumaneka kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa uze uxele ukuba uFuneka ucacisa ntoni ngaso. (2)

4.1.3 Xela imisebenzi ibe MIBINI yezalathisi zaseqongeni ezibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

4.1.4 Khankanya ngokwasebalini izinto zibe MBINI ezingqina ukuba uMaziko ebesinyolukele isikhundla sobunqununu. (2)

4.1.5 Sesiphi isiganeko esingqamene noZanele esenzeke kanye emva kwale ngxoxo ikwisicatshulwa? (2)

4.1.6 Ngqina ukuba uThandiwe ungomnye wabaxhasi bakaMawonga kule drama. (2)

4.1.7 Yintoni le wayengayazi uMawonga malunga nothando lwakhe noZanele? (2)

4.1.8 Phawula ngokungafaneleki kwempindezelo kaNdila kuMawonga.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isityholo uNdila asibeka uMawonga. (1)

(b) Isizathu sokungafaneleki kwempindezelo yakhe kuMawonga. (2)

4.1.9 Nika uphawu lube luNYE ongangalunqweneli kwisimo sikaMadala kweli bali. (1)

**KUNYE**

www.mycourses.co.za


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

*(UMawonga uphume endlwini athi ngqo kwaThulethu kwafaty' azomi koma umqala wendoda. Ufike apho sekuhlwile kukho uHombakazi Mafonya, Diliza Nazo, noNzima Vuma kuselwa.)*

DILIZA: Awu! Mfundisi!
MAWONGA: Ukhuza ntoni kwedini?
DILIZA: Andikhuzi mfundisi ngekuba ndithi ufika sesenjenje. *(Atsho aphakamise umngxu oseluzekevile.)* Bamba mfundisi *(emnika eyakhe iglasi)*.
MAWONGA: Kuthe kanti ningamadoda, boys. *(Atsho eyithabatha. Ibe yimigudu ukusa emlonyeni isandla sityityimba.)*
VUMA: Ungangxami mfundisi hleze iphalale.
HOMBAKAZI: O! Guga sithebe. Yingwe le ekuhlohleni.
MAWONGA: Asina ededelana kweli gada.
NZIMA: Kodwa Loni unxila kakubi wena ngathi akufundanga khawenze nawe kudala usela obu bethu utywala.
DILIZA: Mfo wethu, Wenna! Ungagabadeli, yititshala yakho le uthetha nayo ngolu hlobo.
NZIMA: Suka akutitshwa ngoku, sisela utywala singamadoda sonke.
MAWONGA: Alright boys, Thulethu, sapha ihafu.
THULETHU: Unotshe! Iphi imali? Akubhatali wena.
MAWONGA: Ndinayo imali.
THULETHU: Ina ethe kuqala usandibamba imali yesitreyiti nangoku.
MAWONGA: Eli lizwe limi ngemboleko mntanam. Ukuphila ngeenkozo yinto yabantu abasele bephumelele.
THULETHU: Imali kuqala ubuciko abuzi kunceda nto.
MAWONGA: Enkosi. *(Ethabatha ihafu.)* *(Kuselwe kwada kwasebusuku. Uphume apho uMawonga wonda ngendlu kaFuneka.)*
MAWONGA: Nkqonkqo! Nkqo!
*(Cwaka)* Zanele, Zanele! *(Cwaka)* Zanele vula! Nkqonkqo! Nkqo! *(Cwaka)* *(Tywalakahla-wahla wophula ifestile.)*
ZANELE: Yintoni ebusuku apha?
MAWONGA: Vula uza-ku-ndiva. Vula, vu-u-ula.
ZANELE: Kudala ndakuxelela ukuba funa ndawo yimbi.

www.mycourses.co.za

4.2.1 Xela ukuba bazokuthini aba bantu bakwesi sicatshulwa kwaThulethu. (1)

4.2.2 Lizisa yiphi intsingiselo ngoMawonga ibinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwinkcaza engezantsi?

<u>Ibe yimigudu</u> ukusa emlonyeni isandla ... (2)

4.2.3 Wayevakalelwa njani uMawonga ngokungavulelwa kwakhe kwaFuneka? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olukwisicatshulwa. (3)


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


4.2.4 Nika amagama abalinganiswa abangabongikazi kule drama. (2)

4.2.5 Xela izinto zibe MBINI awaphelelwa zizo uMawonga ngenxa yempindezelo kaNdila. (2)

4.2.6 Wenze ntoni uFuneka ukutshintsha ingqondo kaZanele malunga nokuthandana nendoda etshatileyo? (2)

4.2.7 Ukubonakalise njani uFuneka ukuthembeka kwakhe kuNdila? (2)

4.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.

Le drama (yidrama eyintlekele/yidrama esisiyolisi). Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (3)

**[35]**

www.mycourses.co.za


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA*– M Mlokoti**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2**.**

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| GXALABA: | Ngxe-e! Sisi, nokuba yintoni na leyo ikukhathazileyo ngxe-e! Bamba nantsi into ephungwayo. |
| DINA: | Enkosi tata. Ndiyabulela. *(Watsho ngesinzulu sona isingqala, sathi ukubetha kwaso satsho kathathu, <u>sanga ngamaza okundila kwezulu ukulandelelana</u>. Emva koko wee thimbilili. Warhabula.)* |
| GXALABA: | Ndiyabulela ntombi yam. Yaye ndiyavuya ukukubona uthe thimbilili, ungcono ngolu hlobo. Akhange ndikuthande konke konke ukuqala kwam ukukubona. Ngokuqinisekileyo inkulu into ekukhathazileyo, yaye imbi. ***(Esithi nqumama ukuthetha, amehlo akhe abonakalisa uvelwano ewathe ntsho kuDina, elinde kuye.)*** |
| DINA: | *(Esabibitheka sisingqala, kodwa engcono noko ngoku, zingasekho neenyembezi.)* – Ewe kunjalo tata. Umphefumlo wam udandathekile kakhulu. Ndenzakele. |
| GXALABA: | Yintoni mntwan' am? Kwenzeke ntoni? |
| DINA: | Khohho! Khohho! – *(Uqale njalo uDina ethinta isikhohlela. Waza wambalisela uSajini Gxalaba yonke ingcombolo engemvelaphi yakhe. Esusela mhla wamenywa nguNoyongo okokuqala, emmemela kwaThambolenyoka. Wahamba nalo ibali lakhe wayakulithi ga mhla wayegxothwa sele engasafunwa nguNyoka ...)* |
| GXALABA: | Kwekhu! Ntomb' am libuhlungu eli bali lakho. Yaye libi. Inene ngamava amabi kakhulu. Kodwa ndibuhlungu ntombi yam ukukuxelela ukuba singamapolisa asinakho ukukunceda kule ngxaki ukuyo. |
| DINA: | *(Wothuka wanga uyalama uDina, exhome amehlo efinge iintshiyi.)* – Hayi bo tata! Uthetha ukuthini? |
| GXALABA: | Hayi mntwan' am, ungandivi kakubi. Ayikuko ukuba asifuni kukunceda ... |

5.1.1 Xela ukuba yintoni le yayisenza ukuba uDina akhathazeke kangaka. (2)

5.1.2 Nika isafobe esifumaneka kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa uze uxele ukuba sicacisa ntoni ngoDina. (2)


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


5.1.3 Xela imisebenzi ibe MIBINI yezalathisi zaseqongeni ezibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

5.1.4 Khankanya ngokwasebalini izinto zibe MBINI ezingqina ukuba uThambolenyoka wayebaxhaphaza abantwana abangamantombazana. (2)

5.1.5 Sesiphi isiganeko esingqamene noDina esenzeke kanye emva kwale ngxoxo ikwisicatshulwa? (2)

5.1.6 Ngqina ukuba uZanoxolo ungomnye wabaxhasi bakaDina kule drama. (2)

5.1.7 Yintoni le wayengayazi uThambolenyoka malunga nabasebenzi bakhe ekwakusithiwa babonwa begetyengiwe? (2)

5.1.8 Phawula ngokungafaneleki kwendlela uThambolenyoka awayezenzela ngayo ubutyebi.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Indlela azenzela ngayo ubutyebi. (1)

(b) Isizathu sokungafaneleki kwendlela azenzela ngayo ubutyebi. (2)

5.1.9 Nika uphawu lube luNYE ongalunqwenela kwisimo sikaKuku kweli bali. (1)

**KUNYE**

www.mycourses.co.za


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


5.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| NYOKA: | Ndithe yimani maan, hlalani phantsi, niyandiphazamisa. Ndiyamazi maan lo mntwana. *(Ecinga nzulu. Esehla esenyuka egumbini.)* |
| MKHEFA: | Owuphi Skhulu? |
| NYOKA: | Ndithe kahleni maan, niyandiphazamisa. Ndiyamazi lo mntwana. Andiqali kuwabona la mehlo. |
| SDOKHWE: | Uthetha usingaye Skhulu? |
| NYOKA: | *(Uya eqiniseka ngoku)* – Ewe! Ndiyamazi maan lo mntwana. Uphi uNoyongo? *(Ekhwaza)* – Noyongo! |
| MKHEFA: | Hayi sebemkile Skhulu. Sidibene nabo xa singena bona bephuma, besithi ubakhulule. |
| NYOKA: | *(Ebhuduzela)* Oh sebehambile? Kulungile akukho nto. Jongani apha ke, ndimfuna efile laa mntwana namhlanje. Niyandiva? Ndimfuna efile. Uyandiva Mkhefa? |
| MKHEFA: | Ndikuva kakuhle Skhulu. |
| NYOKA: | Nize ngantoni? Ngala TOYOTA kwakhona? |
| MKHEFA: | Ewe Skhulu. |
| NYOKA: | Hayi suka! Aninakuleqa iBMW ngeTOYOTA apha maan. Inani nazi izitshixo. Niza kumsukela ngale yam inqwelo. Andifuni kwenzeke esale veki iphelileyo. Msukeleni ngale yam inqwelo. |
| MKHEFA: | *(Ethatha izitshixo)* – Utsho endodeni Skhulu. |
| NYOKA: | Hambani ke, niye kulinda ngaphambili. Ukusuka nje kwakhe nikhwele kuye. Kodwa andifuni yenzeke apha kule Hotele yam yonke le nto. Nimlinde aphume edolophini. Hambani. *(Bathe xa baphumayo wabe uDina emi ngeenyawo ekhawuntaleni, eqongqoloza eyesine ithothi yegrangqa. Wagximfiza igilasi ekhawuntaleni washiya imali kumthengisi akalinda netshintshi wangqala emnyango. Yasesezolo, uMkhefa noSdokhwe babekeka emva kwakhe.)* |
| MKHEFA: | Ngena ngena msinya mfondini maan uyasuka lo mntwana. |

www.mycourses.co.za

5.2.1 Xela ukuba babizelwe ntoni uMkhefa noSdokhwe kule ndawo bakuyo. (1)

5.2.2 Lizisa yiphi intsingiselo igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwintetho kaSdokhwe engezantsi?

Uthetha usingaye Skhulu? (2)

5.2.3 Wayevakalelwa njani uThambolenyoka ngobukho balo mntwana kwi*hotele* yakhe? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olukwisicatshulwa. (3)

5.2.4 Nika amagama abasebenzi bakaThambolenyoka ekwakusithiwa bagetyengiwe. (2)


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


5.2.5 Xela izinto zibe MBINI awazenzayo uNoyongo kuDina mhla wayefika kwaThambolenyoka ukuze afunyanwe nguThambolenyoka kubusuku bokuqala. (2)

5.2.6 Wenze ntoni uGxalaba ukutshintsha ingqondo kaNoyongo ukuze abelingqina lenkundla? (2)

5.2.7 Ukubonakalise njani uNoyongo ukuthembeka kwakhe kwishishini likaThambolenyoka? (2)

5.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.

Le drama (yidrama eyintlekele-siyolisi/yidrama esisiyolisi). Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusebalini. (3)
**[35]**

www.mycourses.co.za

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'Umhlahlo ngamehlo' nguLL Ngewu
- 'Ngumnt' onjani lo?' nguLL Ngewu

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

### UMBUZO 6

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2.

www.mycourses.co.za

**'UMHLAHLO NGAMEHLO' – LL Ngewu**

6.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA K**

Phakathi kwetafile yomtshutshisi nommeli bekukho itafilana ebekubekwe phezu kwayo impahla efonyoziweyo. Imbonakalo le yayo ibintama ukuba yimpahla yomntu wasetyhini. Phezu kwale mpahla bekukho ipensile efana nqwa naleyo ibisemva kwendlebe yommeli. Inkundla asindawo yakukhululela ngako oko le impahla kubonakala ukuba ize kunika ubungqina bento eyayibonayo ngemini ethile. Kungenjalo ibiziswe apha ukuza kudiliza ubungqina bommangalelwa ukuba asibubo obo bommangali.

Emveni kokuba yenziwe yonke imigushuzo elungiselela ukuba lichotshelwe ityala, uphakamile umtshutshisi wacela uNompoxeko ukuba axelele inkundla ukuba kwenzeka ntoni ngobusuku bangoMgqibelo umhla weshumi elinesihlanu kuJulayi ngowe-1995.

Uchazile uNompoxeko ukuba ngorhatya lomhla weshumi elinesihlanu waya eholweni kukhuphiswano loonobuhle. Uyishiyile iholo leyo malunga nentsimbi yeshumi ebusuku waqaphela ukuba ulandelwa ngummangalelwa. Kwalile sele eyishiye kanobom iholo leyo, wagxanya ummangalelwa, wada waza kufika kuye. Akukho lizwi alithethileyo ummangalelwa akufika koko bajijisene wade woselwa ngummangalelwa lowo. Koko kujijisana kwade kwaqhaqheka kanobom umbhinqo awayewunxibile. UNompoxeko uyinike le ngxelo weva kuthe ngco entliziyweni yakhe.

Kwesi sithuba umtshutshisi uye kwitafilana ebinempahlana efonyoziweyo wasiphakamisa esi sibheshu ebuza ukuba ngaba siso na eso. Uvumile uNompoxeko. Umtshutshisi ubuzile ukuba le ntwazana imke eholweni esi sibheshu sinomhlaba na koko omnye uphendule ngelithi ...


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


6.1.1 Xela isityholo esasibekwa uZolani. (2)

6.1.2 Nika isafobe esifumaneka kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa uze uxele ukuba sicacisa ntoni ngale pensile iphezu kwempahla. (2)

6.1.3 Xela izinto zibe MBINI ezivelayo kwesi sicatshulwa ezibonisa ukuba eli bali liqhubeka kweli xesha lokhanyo. (2)

6.1.4 Khankanya ngokwasebalini izinto zibe MBINI ezazisetyenziswa njengobungqina bokuba uZolani unetyala lokudlwengula uNompoxeko. (2)

6.1.5 Nika isiganeko esenzeke kuZolani emva kwesigwebo setyala likaNompoxeko. (2)

6.1.6 Ngqina ukuba uNonkanyezi ungumxhasi kaNompoxeko kweli bali. (2)

6.1.7 Yintoni le lalisithi igqwetha akayivezanga uNompoxeko ngaye noZolani enkundleni? (2)

6.1.8 Phawula ngokungafaneleki kwendlela awaphatheka ngayo uNompoxeko kwinkundla yamatyala.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Indlela awaye waphathwa ngayo kwinkundla yamatyala. (1)

(b) Isizathu sokungafaneleki kwempatho awayifumanayo. (2)

6.1.9 Nika uphawu lube luNYE ongalunqwenela kwisimo sikaNonkanyezi kweli bali. (1)

**KUNYE**

www.mycourses.co.za


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


**'NGUMNTU ONJANI LO?' – LL Ngewu**

6.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA L**

Kwesi sithuba amadoda akhe adumzela kucaca ukuba akanakuzibamba ide igqitywe le nkonzo. Kubekho abafazi abakhuzileyo phofu ke kungazeki ukuba bakhuziswa yintoni. Oku kukhuza kwabafazi kukhumbuze omnye umzili into ebesel' eyilibele. Uphinde watsho lo mzili ngesikhalo esitsho kwabanda, 'Yhu..u..u..u..u, Yhu...u...u...u!' Lizamile elinye ixhegwazana kubazili ukuthulisa lo ukhalayo. Uliqhubile umfo ibali libuhlungu linjalo:

*'Kwezi veki zigqithileyo besihamba ezinkundleni sisilwa ukuba sikhululelwe umzimba lo womfi. Le nkosikazi yenza le nto ubawokazi lo wayehlukene nayo <u>ngonoquku</u>, kangangokuba besingazi nokuba isaphila. Sincedwe apho ligqwetha leJaji elifune isiqinisekiso somtshato. Kuthe kanti ubawokazi wayengatshatanga nenkosikazi yakhe yokuqala. Inkosikazi esasiqinisekile ukuba wayitshata yeyesithathu. Siye sahamba ke sayokucenga yona ukuba ibe yiyo esikhulula kule ngxaki. Okunene uMaThiyane urhole isiqinisekiso somtshato, kangangokuba ukhona apha kubazili yaye nguye lo nimva eman' ukukhala. Ulapha nabantwana bakhe abahlanu.'*
*'Ngenxa yokuphoxeka kwangezolo sibonile ukuba namhlanje asiyi kuphinda sixhele umzimba ungafikanga. Yiyo lo nto kusekho amadoda asephaya ebuhlanti nje. Abona bantu baninzi babeze ngalaa mini sasifanele ukuba singcwabe ngayo. Ndibonile ke ukuba mandinazise ngesi simanga senkosikazi eyayizenza ixhalanga ngokufunana nesidumbu sikabawokazi. Ngoku ke ndicela niphakamise isithethi esiza kufunda ngobom bomfi.'*

6.2.1 Xela ukuba la madoda kuthethwa ngawo kwisicatshulwa ayezokwenzani kwaManduleli. (1)

6.2.2 Lizisa yiphi intsingiselo ngenkosikazi yokuqala kaManduleli igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwinkcaza engezantsi?

*'... wayehlukene nayo <u>ngonoquku</u>, ...'* (2)

6.2.3 Wayevakalelwa njani uMaThiyane ngokusweleka kukaManduleli? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olukwisicatshulwa. (3)

6.2.4 Nika amagama abazali bakaManduleli. (2)

6.2.5 Xela izinto zibe MBINI ezathethwa lixhego lakwaPhungulwana ngoManduleli. (2)

6.2.6 Lenza ntoni igqwetha leJaji ukuze ufumaneke umzimba kaManduleli? (2)

6.2.7 Ukubonakalise njani uMaThiyane ukuthembeka kwakhe kusapho lwakwaNdawana? (2)

6.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.

Eli bali (libali elingemiba yentlalo/ libali elingolwaphulo-mthetho). Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusebalini. (3)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


## ICANDELO D: ISIHOBE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

- 'Indoda yokwenene' nguKN Manciya
- 'Mfazindini wase-Afrika' nguKN Manciya

Phendula YONKE imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye**

Funda lo mhobe kunye nesicatshulwa sombongo esilandelayo esithatyathwe kulo mhobe uthi 'Mfazindini wase-Afrika' ze uphendule imibuzo. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuyo yomiBINi imibongo oyifundileyo, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2.

7.1 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**INDODA YOKWENENE – KN Manciya**

Indoda yokwenene yezindilel' umzi wayo.
Le nt' indoda ngumthandi wesizwe sayo.
Le nt' indoda ngumhlonipi wesiqu sayo.
Indoda yokwenene ihlonel' usapho lwayo,
De iqwele ukuthand' umfazi wayo,
Yenz' imihlol' ukuhlonel' inkosi yayo,
Ithand' isizwe nezalaman' eziyigcinayo.
Intl' indod' eyinkokel' ekhokel' usapho lwayo.
Indoda yingcongolo phezu kweziziba zezwe layo,
Ezimanz' anzongonzongo iinzonzobila zezwe layo,
Ayijwed' indoda sel' **ingxang' engxangxasini**;
Igcin' isidima owenen' umgcini lusapho lwakhe.
Eyenene mwethu akulopholopho lamtshulatshu.
Eyokwenene ayinguy' uBhabhezilokhweni, ingcathu.

7.1.1 Caphula umqolo osixelela ukuba indoda yokwenene izixabisile. (1)

7.1.2 Nika izinto zibe MBINI ezithandwa yindoda yokwenene ngokwalo mbongo. (2)

7.1.3 Yahluka njani ngokomxholo i-okthevu nesesthethi yalo mbongo? (2)

7.1.4 Izisa ngcinga ni ngentlonipho yendoda yokwenene kwinkosi yayo inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mqolo ungezantsi?

<u>Yenz' imihlol'</u> ukuhlonel' inkosi yayo. (2)

7.1.5 Chonga isafobe esikumqolo we-9 uze uxele udidi lwaso. (2)

7.1.6 Xela umfanekiso-ngqondweni ofumaneka kwinkcaza ebhalwe ngqindilili kumqolo we-11 uze uxele ukuba liveza ntoni ngendoda yokwenene. (3)

7.1.7 Nika iphatheni yemvano siphelo ekwikhaphulethi yalo mbongo. (1)

www.mycourses.co.za


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


7.1.8 Ingaba ungazinqwenela iimpawu zendoda yokwenene ezikhankanywe kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.1.9 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**

7.2 Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo uze uphendule imibuzo.

**MFAZINDINI WASE-AFRIKA – KN Manciya**

Yizani bantu ningqine nank' umhlola.
Namhla kumhla ndalam' isimanga.
Silo sini na esi sity' utyani ngerhengqe?
Yintoni na le inje mzi wakowethu aph' ekhaya?
Usisilo na nokuba ungumntu na?
Thetha kaloku, usabele xa ungumntu. Yeha!
Lixhishini utyani urheme bumthe swii.
Usisidla-tyani na de uthi swii mazindini?
-------------------------------------------
Kuloo maqhwa aqhaqhazelisa imihlathi,
Ndithe mandla umfazi waseAfrika edovud' udaka,
**Ath' exovaxova ab' enyovanyova** ngezo zandla.
La mazwembezwembe ulungiselela imini zikaXakeka emtyantini
Ndimalam' entsintsitheka neziqonga zeepali ezidal' incilikithi,
Exhibitheka nje, ubawozala ukhala ngebhekilana yomthayi.
Yaya phi na imfobe kwesi sizwe sethu mdakasholondini?
Mazi zase-Afrika zona kade zayibamb' itshisa, sithi ngxe!
-------------------------------------------
Lo mzi usuke wanezothe nesizungu,
Nxiphothise kwinto yonke aph' emzini.
Kukho yena inkululeko iyadakasa aph' ekhaya,
Kuba uth' ephethe uzipho ab' evez' izinyo.
Mveku zakhe ngogayi zifa naye lo mntu,
Kwakuphel' ubuncwan' emendweni zongcemba naye;
Asal' ethe caa izisini uKhenkebe ejacuzeka;
Loo ngonyam' imazinyo alubengu kusapho lwayo.

Ngubani na ongem' entla ngamaboninge akhe?
Ndoda yaphi na enesidima ingenay' umfazi?
Ndoda yaphi na enosapho engekho umfazi?
Nguwuphi na umzi oqaqambileyo ungenaye umfazi?
Ndoda yaphi na enokumelana nobuchuphathi bomfazi?
Ndoda yaphi na engema phambi komfazi?
Sibhongobhiyane saphi na esingethothi kowaso umfazi?
Ngubani ongathi exolisa angenjenjalo kowakhe umfazi?
Bumbejembeje beli lizwe sisakhono sabafazi.
Zwe lixakathe kangaka nje ngulo mfazi.
Ngazibini kuni zimazindini zeli lase-Afrika;
Sitsho kwiimazi ezisebenze zamil' ingca zibumba
Eyazo imizi phantsi kwamazwembezwembe namatiletile obomi.
Ngamana lo mthinjana wanamhla ungavuna lutho kuni;
Ukuhlonela ubulungisa nendalo kaNyangelemihla.
Ngamana udodana lungafunda nto,

www.mycourses.co.za


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za


7.2.1 Babizelwa ntoni abantu kumqolo woku-1? (1)

7.2.2 Caphula amagama amabini kumqolo wesi-6, abonisa ukuba imbongi iyamcenga lo mfazi waseAfrika. (2)

7.2.3 Kuqaqambisa ntoni ngomfazi waseAfrika ukuphinda-phindwa kwesifanekisozwi, 'swii' esikumqolo wesi-7 nowesi-8? (2)

7.2.4 Nika umfanekiso-ntelekelelo oziswa yinkcaza ebhalwe ngqindilili kumqolo ongezantsi.

**Ath' exovaxova ab' enyovanyova ngezo zandla.** (2)

7.2.5 Xela ibe MIBINI imisebenzi eyenziwa ngumfazi waseAfrika ngokomqolo we-13 nowe-14. (2)

7.2.6 Libhekisa kubani igama, 'mdakasholondini' elikumqolo we-15? (1)

7.2.7 Ngubani le ngonyama kubhekiswa kuyo kumqolo wama-24? (1)

7.2.8 Cacisa uluvo olubethelelwa yimbongi ngemibuzo buciko ekwimiqolo yama-25–27. (3)

7.2.9 Nika ithoni yalo mbongo kwimiqolo 38–40? Xhasa impendulo yakho. (3)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

www.mycourses.co.za


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za

www.mycourses.co.za

Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za

# basic education

Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

**NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

www.mycourses.co.za

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**NOVEMBA 2022**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 70**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-17.**

NP JAXA
**04/12/2022**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 04
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

**04/12/2022**

Akuvumelekanga ukufotokopa esi sikhokelo sokumakisha



Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za



## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

www.mycourses.co.za

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 04
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION



Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za



## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

## ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Kungokuba kwakulungiselelwa ukuba athi uMpumelelo eqala emsebenzini abe esaziwa ngabantu baseLusikisiki√√/usapho lukaMpumelelo lwalufuna ukumngenisa kubantu baseLusikisiki awayeza kusebenza phantsi kwabo.√√ (2)

1.1.2 Sisifaniso.√ Sicacisa ukuba ufazana lwaluyiyizela ngendlela efana naxa kuyiyizelwa ngomtshato okanye ngogayi√/ sicacisa indlela ababelonwabele ngayo abantu eli theko. √ (2)

1.1.3 Kukwenziwa kwetheko lokuvuyisana nomntu ophumelele kwezemfundo√/bubukho bukamantyi√/bubukho boogqirha.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.4 Kwaphuma zonke iindidi zabantu ukuza kuzimasa itheko lokuvuyisana naye akuba ephumelele izifundo zobugqirha phesheya.√
Abantu belali babekho ngobuninzi ukuza kuncedisa kumsebenzi wetheko lakhe.√ (2)

1.1.5 Sesokuhlatywa komtshana kaNozililo.√√ (2)

1.1.6 Kunjalo, kuba ebencedisana noNozililo ukubanga ivenkile yakwaNtsibande√√/kuba uvumile akuthunywa nguNozililo ukuya kufuna iincwadi zevenkile kuThamsanqa.√√ (2)

1.1.7 Kukuba ootsotsi ababezama ukuyitshisa babethengwe nguNozililo.√√ (2)

EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 04
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

1.1.8 (a) Lelokuba ivenkile yakwaNtsibande ililifa labo kuba yayiyekayisemncinci kaNtongana.√ (1)

(b) Sesokuba uyisemncinci kaNtongana wayeyithengisele uMosia ivenkile phambi kokuba abhubhe√√/sesokuba uLungile wayeyithenge ngokusemthethweni ivenkile kuMosia ngoko ke yayiyeyakwaNtsibande.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.9 Kukunyaniseka√/kukuba nomqolo√/kukuthembeka√/ luthando lobuzali√/ bubuntu.√

[Nayiphi enye kwezi.] (1)

**KUNYE**



Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za



## ISICATSHULWA B

1.2 1.2.1 Kungokuba sasinikezela ngeenkonzo ezintathu ezingafaniyo√/ isebe ngalinye lalinikezela ngenkonzo eyahlukileyo kwelinye.√ (1)

1.2.2 Eyokuba aba gqirha babeqeshwe ngokupheleleyo kwesi sibhedlele.√√ (2)

1.2.3 Ayengakwamkeli/ayekuchasile oko√ kuba eyesithi akanakuthumela abafazi bawo baze kuzaliswa ngamantombazana.√√ (3)

1.2.4 NguLungile√ noNomakhwezi.√ (2)

1.2.5 Kukuswelekelwa ngabazali bakhe bobabini ngexesha elinye.√ Wakha waphazamiseka ngokwasengqondweni.√ (2)

1.2.6 Wabetha uMpumelelo egxeni enyanzelisa ukuba uMpumelelo ayeke ukudanisa noLizzie.√√ (2)

1.2.7 Ngokuthi agcine umzi kaLungile naxa sele bengasekho noNomakhwezi√√/ngokuthi aqhubeke ngokukhulisa amashishini akwaLungile nangexesha sele bebhubhile uLungile noNomakhwezi√√/ngokuthi adlale indima yobuzali kuMpumelelo akubhujelwa ngabazali bakhe.√√ (2)

1.2.8 Yinoveli engemiba yentlalo√ kuba iveza amahla-ndinyuka ahlangene nawo uMpumelelo akuswelekelwa ngabazali bakhe bobabini, de waba uyaphumelela ebomini√√/kuba iveza ukubaluleka kokuxhasana kwezizalwana njengoko uThamsanqa noYolisa baye bawugcina umzi wakwaNtsibande sele bengasekho ooLungile√√/kuba idandalazisa ububi bokunyolukela ilifa njengoko uNozililo noNtongana bebhubhe ngenxa yokwenza mayelenqe okuzuza ilifa elingelolabo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)

**[35]**

www.mycourses.co.za

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 04
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za



## UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani

### ISICATSHULWA C

2.1 2.1.1 Kungokuba imbumbulu eyayifunyenwe entloko kuEddie yayiphume kolu hlobo lompu.√√ (2)

2.1.2 Sisifaniso.√ Sicacisa ukuba wayesokola kakhulu ukukhulula ithayala lemoto√/sicacisa ukuba kwakunzima kakhulu kuye ukukhulula ithayala lemoto.√ (2)

2.1.3 Bubukho bomcuphi ongumntu omnyama√/bubukho bamathayala eemoto√/bubukho bendlu enomnyango oneqhosha elichukunyiswayo xa ubani ecela ukuvulelwa.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

www.mycourses.co.za

2.1.4 Kusemzini kaEddie Maga.√
Kukwindawo ekwakwehle kuyo ingozi.√ (2)

2.1.5 Sesokubamba uLinda Monti.√√ (2)

2.1.6 Kunjalo, kuba yaba nguye yedwa owayekho enkundleni yamatyala eze kunika inkxaso kuLinda√√/kuba uDuma wagqebha uHlobo ngentsimbi yokutshintsha amavili emoto kuba wayebona uLinda elila√√/ waya kuqonda emapoliseni malunga nokubanjwa kukaLinda Monti ze wazisa igqwetha likaLinda√√/ uxelele uHlobo ukuba ngosuku lokufunyanwa kompu kaLinda kwakufike amalungu ase*Moonglow* abuka imoto kaLinda ewodwa, ibhegi leyo kaLinda ilapho emotweni.√√ (2)

2.1.7 Kukuba lo mntu wayezenza uNkosikazi Hobe nguThembisa Ntlokonkulu√√/kukuba lo mntu wayesithi unguNkosikazi Hobe ungomnye wababulali bakaEddie noLulama.√√ (2)

EDUCATION BASIC
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 04
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

2.1.8 (a) Yeyokuba intsangu ingenisa imali eninzi ngokukhawuleza.√ (1)

(b) Sesokuba ukuthengisa intsangu kwakukhabana neenjongo zokuseka umbutho i*Moonglow Night Club* ezokuba ibe yindawo yabantu yolonwabo nempilo√√/sesokuba injongo yokusekwa kwe*Moonglow Night Club* yayikukuba ibe yindawo yokuhlaziya iingqondo zabantu ngexesha labo lokuphumla√√/ sesokuba intsangu ngumbulalazwe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

2.1.9 Kukunyaniseka√/kukuthembeka√/bubugorha.√

[Nayiphi enye kwezi.] (1)

**KUNYE**


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za



## ISICATSHULWA D

2.2 2.2.1 Wayeye kubuza uJoe Bumba malunga nengxelo awayeyenze emapoliseni enxulumene nokufa kukaEddie noLulama√/wayeye kuphanda ngokufa kukaEddie noLulama.√ (1)

2.2.2 Eyokuba kwakusele kusondele ukuba uJoe Bumba avume ukuba lilungu lase*Moonglow Night Club*√√/wayesele eza kuvuma ukuba lilungu lase*Moonglow Night Club.*√√ (2)

2.2.3 Wayekhathazekile√ kuba kuthiwa wayesithi awundilisekanga.√√ (3)

2.2.4 NguLinda Monti√ noLulama Zuma.√ (2)

2.2.5 Yileta uLinda awayeyibhalele uEddie emkhulula ukuba ahambe nesinye isithandwa sakhe ukuya kumboniso bhanya-bhanya.√
Yidyasi yakhe (efana nem*ink coat)* ekwakungekaziwa mntu wumbi owayenayo ngaphandle kwakhe.√
Yivolovolo i-,38 automatic kaLinda esebenzisa uhlobo lweembumbulu ezifana naleyo yafunyanwa elukhakhayini lukaEddie.√
Luhlobo lwamavili azi-*Roadmasters* olusetyenziswa nguLinda olunomzila ofana nalowo wawubonakele kwindawo ekwakwenzeke kuyo ingozi eyabulala uEddie noLulama.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

2.2.6 Uxelele uHlobo ngokulahleka kompu kaLinda angazange awuxele emapoliseni√√/uxelele uHlobo ngokufika kwamalungu ase*Moonglow* awangena emotweni kaLinda ewodwa ngemini uHlobo awafumana ngayo umpu kaLinda.√√ (2)

2.2.7 Ngokuthi aziyele emapoliseni ayokunika ubungqina ngenenekazi elingaziwayo elabonakala ngobuya busuku bokufa kukaEddie noLulama√√/ngokuxelela uHlobo ngobuhlobo bakhe noEddie de aveze nomba we*tape recorder* ebeluncedo ekusombululeni isishiqi sokubulawa kukaEddie noLulama.√√ (2)

2.2.8 Yinoveli yophando√ kuba kukho umcuphi onguHlobo owenza uphando lokusombulula isishiqi sokubulawa kukaEddie Maga noLulama Zuma√√/kuba kuphandwa ngababulali bakaEddie Maga noLulama Zuma.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)
**[35]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 04
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za



## UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta

### ISICATSHULWA E

3.1 3.1.1 Zazisithi yinyoka yakhe athwele ngayo le yayibulele unyana wakhe.√√ (2)

3.1.2 Sisifaniso.√ Sicacisa ukuba wabaneengcwangu uThandabantu, wabakhohlakalela kakhulu abantu.√ (2)

3.1.3 Kukuba namashishini kukaRhadebe engumntu omnyama√/ kukubakho kwabantu abamnyama abanolwazi lokuphatha amashishini√/ kukuqeshwa kwabantu abantsundu kwangabanye abantsundu√/kuthethwa ngeziqiniseko zokubhatala√/ubuqhopholold bokwenza iincwadi zomgunyathi√/ kuthethwa ngemali.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

3.1.4 Wayesamkela nabani na ofike emzini wakhe engambuzi mvela phi amnike umsebenzi.√
Wayebatyisa abantu abasevenkileni yakhe ngexesha lokutya.√
Wayebagodusela imithwalo ngaphandle kwentlawulo abathengi bakhe.√
Wayesakhela amaxhego namaxhegokazi intente ewakhusela elangeni, engqeleni nasemvuleni.√
Wayephungisa amaxhego namaxhegokazi ngexa alinde ukufika kwemoto kaRhulumente yenkamnkam.√
Wakhulisa inkedama enguMonwabisi njengonyana wakhe.√
Wayebaphathisa abasebenzi bakhe xa begoduka ngexesha lekhefu.√
Waxhela kutyiwe ngumntu wonke.√
Wayebanika inkxaso abantu ababenomdla kwezoshishino.√
Wayebaxhelela abasebenzi bakhe.√
Wayebanceda abantu bendawo yakhe.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 04
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

3.1.5 Sesokubalekwa kwakhe ngabasebenzi.√√ (2)

3.1.6 Kunjalo, kuba umamTolo wayehlala emcebisa uThandabantu ngomsebenzi wakhe√√/kuba wahlala ecaleni kwakhe emnika inkxaso kumashishini akhe ngethuba engaphilanga uThandabantu√√/kuba babengumtya nethunga kwakufikelela kwezoshishino√√/ kuba xa ephumile ngezoshishino uThandabantu ibibangumamTolo osala ejonge amashishini akhe.√√ (2)

3.1.7 Yeyokuba impumelelo yakhe kwezoshishino yayibangwa kukusebenza kwakhe nzima kumashishini akhe√√/kukuba wayenobubele kubo bonke abathengi√√/kukuba kwezoshishino wayencedwa ngamava okusebenzisana nabantu awayewafumene


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za



ngethuba wayesebenza kwaNdabazabantu.√√ (2)

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 04
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

3.1.8 (a) Yeyokuba akukho mntu umnyama unokubanamashishini aphumelele ngokohlobo ayephumelele ngalo akaThandabantu√/yeyokuba uThandabantu uthwalele ubutyebi kungoko ayesanda amashishini akhe.√ (1)

(b) Sesokuba uThandabantu wayewasebenzela nzima amashishini akhe√√/ sesokuba yayizizinwe zakhe azenzela abathengi bakhe ezazisenza ukuba bamxhase kakhulu ze oko kukhulise amashishini akhe√√/sesokuba uThandabantu kwezoshishino wayencedwa ngamava awayenawo okusebenzisana nabantu awawafumana ngexesha wayesebenza kwaNdabazabantu.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

3.1.9 Kukunyaniseka√/kukuthembeka√/kukukhuthala√/ kukuthobeka√/ kukuba nomonde√/ubukrelekrele kwezoshishino.√

[Nayiphi enye kwezi.] (1)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

3.2 3.2.1 Ayezokujonga ulwakhiwo nokhuseleko lwezakhiwo zikaThandabantu√/ ayeye kudenda izakhiwo zamashishini kaThandabantu ngelithi mazidilizwe zidala.√ (1)

3.2.2 Eyokuba uThandabantu wayexakiwe engazi ukuba makathini okanye enze ntoni.√√ (2)

3.2.3 Wayekhathazekile√/ kuba wayekholelwa ekubeni ukudilizwa kwawo kwakuthetha ukuba sisiphelo sakhe eso√√/ kuba yayiza kuba yinkcitho kuba kwa ezi zikhoyo zazingenzi ngeniso.√√ (3)

3.2.4 NguHlubikazi√ noNobuntu√ (2)

3.2.5 Kukuya ecaweni.√
Kukukhathalela amashishini akhe.√
Kukuthatha inxaxheba kumbutho woosomashishini.√
Kukuphuhlisa imidlalo kulutsha.√
Waphelelwa ngumdla wokulima amasimi wakhe.√
Waphelelwa ngumdla ebantwini.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

3.2.6 Ucebise ukuba izakhiwo zamashishini zichithwe, kwakhiwe ezitsha ze kuqeshiselwe abanye oosomashishini ngazo.√√ (2)

3.2.7 Ukubonakalise ngokuthi eze necebo lokuphuhlisa amashishini akwaSihlunu ebesele etshona, mashishini lawo ebeyindlela yalo


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za



yokuphila√√/ ngokuthi athabathe uxanduva lokulawula amashishini ngokunyaniseka xa wayesoyisakala uThandabantu√√/ngokuthi abuyisele iintombi zakwaSihlunu kokwazo ngolo hlobo luphinde lumanyane usapho√√/ ngokuthi ayisebenzise ngokunyaniseka imali awayeyinikwe nguThandabantu yokuvusa amashishini.√√ (2)

[Nayiphi enye kwezi.]

3.2.8 Yinoveli engemiba yentlalo√ kuba ibonisa ukuba ubuntu obenzela omnye umntu bulithamsanqa kwakuwe kuba uThandabantu uncedwe yinkedama enguMonwabisi abayithatha bayikhulisa nomamTolo√√/ ukuba iinkolelo ezingokuthakatha zidala ubutshaba phakathi kwabantu kuba uThandabantu waphela engavani nabantu ngenxa yokumtyhola kwabo ngokuthwala ngenyoka.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

www.mycourses.co.za

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 04
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION



Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za



## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

### ISICATSHULWA G

4.1 4.1.1 Kukuba wayecinga indlela efihlakeleyo awayeza kumloba ngayo uMawonga√√/wayenexhala lokuba eza kudibana noMawonga.√√ (2)

4.1.2 Liqhalo.√ ucacisa ukuba uZanele aze angamngxameli uMawonga.√ (2)

4.1.3 Kukubonisa intshukumo eyenziwa ngumlinganiswa.√
Kukwazisa ixesha oqhubeka ngalo umboniso.√ (2)

4.1.4 Ququqe kwaMadala esithi uLoni makabonelwe icebo kuba uchitha isikolo.√
Ucebise ukuba kufakwe yena kwisikhundla sobunqununu.√ (2)

4.1.5 Sesokuthandana kwakhe noMawonga.√√ (2)

4.1.6 Kunjalo, kuba uThandiwe akamlahlelanga zandla uMawonga akuba elinxila koko umbizele usapho lwakhe ukuze lumthethise atshintshe√√/kuba akafunanga ukuya kumkhweletela kuZanele ngelithi hleze uMawonga emke umphelo aphelele kuZanele√√/ kuba uThandiwe uyamlungiselela uMawonga akufika endlwini nokuba unxilile de amhlawulele namatyala akhe otywala.√√ (2)

4.1.7 Yeyokuba lwaqququzelelwa nguFuneka ngeenjongo zokumsondeza kuye ukuze uNdila afumane ithuba lokuziphindezela√√/ wayengazi ukuba injongo yalo kukumfaka emgibeni wokumphalaza.√√ (2)

EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 14
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

4.1.8 (a) Sesokuba wamgxothisa emsebenzini.√ (1)

(b) Sesokuba uNdila wayesela emsebenzini kukho nobungqina boko obungamakhoba otywala kwikhabhathi yakhe ngoko ke uMawonga wayesenza umsebenzi wakhe wobunqununu ngokumbizela ikomiti√√/sesokuba uNdila nguye owazigxothisa emsebenzini ngokusela esikolweni nokuthuma abantwana besikolo utywala ngexesha lesikolo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

4.1.9 Kukunganyaniseki√/ kukunyolukela imali√/kukungathembeki.√

[Nayiphi enye kwezi.] (1)

**KUNYE**

www.mycourses.co.za



Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za



## ISICATSHULWA H

| | | | |
|---|---|---|---|
| 4.2 | 4.2.1 | Baze kuthenga utywala basele.√ | (1) |
| | 4.2.2 | Eyokuba kwakunzima kakhulu kuMawonga ukuphakamisa iglasi iye kufika emlonyeni.√√ | (2) |
| | 4.2.3 | Wayenomsindo√ kuba wade wophula ifestile akunkqonkqoza angavulelwa.√√ | (3) |
| | 4.2.4 | NguFuneka Matiwane√ noZanele Nxusani.√ | (2) |
| | 4.2.5 | Ngumsebenzi wobunqununu eNobutho.√<br>Sisidima sakhe njengetitshala nenkokeli ekuhlaleni.√<br>Bubomi bakhe.√<br><br>[Nasiphi isibini kwezi.] | (2) |
| | 4.2.6 | Ngokuthi amxelele ukuba uMawonga nguyena umlungeleyo kuba njengokuba etshatile ukuqhelile ukubotshelelwa kwaye kuza kuba lula ukumlawula.√√ | (2) |
| | 4.2.7 | Ngokuthi amncedise kwimpindezelo yakhe ngokufaka uMawonga kumgibe wokunxila de abe uphelelwa ngumsebenzi.√√ | (2) |
| | 4.2.8 | Yidrama eyintlekele√ kuba iphela ngokufa kukaMawonga noNdila√√/ngokubanjwa kukaFuneka noZanele.√√<br><br>[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] | (3)<br>**[35]** |

www.mycourses.co.za

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 04
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za



## UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokothi

### ISICATSHULWA I

5.1 5.1.1 Kukugxothwa kwakhe okwesibini nguThambolenyoka ekubeni ekhulelwe ngenxa yakhe√√/kukuba uThambolenyoka engafuni kubondla abantwana athi uDina ngabakaThambolenyoka.√√ (2)

5.1.2 Sisifaniso.√ Sicacisa ukuba uDina wayekhathazeke kakhulu√/ sicacisa ukuba wayenesingqala ngenxa yokulila nokukhathazeka.√ (2)

5.1.3 Kukubonisa intshukumo yomlinganiswa.√
Kukwazisa inkangeleko yomlinganiswa.√
Kukwazisa iimvakalelo zomlinganiswa. √

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

5.1.4 Kukuba wayebatyisa iziyobisi.√
Wayelala nabo.√
Wayebathengisisa imizimba kubatyeleli behotele yakhe.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

5.1.5 Sesokuvula kwakhe idokethi lesimangalo emangalela uThambolenyoka.√√ (2)

5.1.6 Kunjalo, kuba nguye owacebisa uDina ukuba angathatheli umthetho ezandleni zakhe xa wayeceba ukuhlaba uThambolenyoka ngencula√√/kuba nguZanoxolo owafunela uDina umsebenzi eKapa emva kokugxothwa kwakhe kwaThambolenyoka.√√ (2)

5.1.7 Yeyokuba babengagetyengwanga koko yayilicebo lamapolisa lokubenza babengamangqina enkundla.√√ (2)

5.1.8 (a) Ngokuthi atyise abantwana abangamantombazana iziyobisi ze abathengisise imizimba kubatyeleli behotele yakhe.√ (1)

(b) Sesokuba ubulala ikamva labantwana abangamantombazana. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

5.1.9 Bubukhalipha√/kukubanomqolo√/ kukuba nesibindi.√

[Nayiphi enye kwezi.] (1)

APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION
2022 -12- 04

**KUNYE**



Source: www.mycourses.co.za
www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za



**ISICATSHULWA J**

5.2 5.2.1 Ukuba baleqe uDina ngemoto bakumfumana bambulale.√ (1)

5.2.2 Eyokuba banolwazi abanalo ngalo mntwana athetha ngaye uThambolenyoka√√/banolwazi ngalo mntu babizelwe yena nguThambolenyoka.√√ (2)

5.2.3 Wayenexhala√/wayesoyika√ kuba uyabhuduzela√√/kuba ubize ooSdokhwe ukuba baze kumnceda ngokumbulala√√/kuba uyabaxhesha ooMkhefa ukuba bakhawuleze ukumleqa bambulale.√√ (3)

5.2.4 NguNozici√/ nguNozigoci√/nguNomhase.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

5.2.5 Wamtyisa iziyobisi.√
Wayokumshiya eRoom 8 ngokomyalelo kaNyoka.√ (2)

5.2.6 Wathembisa ngokuba baza kumgcina phantsi kokhuselo lwabo ukuze asinde ekubulaweni nguThambolenyoka ukuba uyavuma ukuba lingqina lenkundla√√/wamxokisa ngelithi bonke abanye abasebenzi babulewe nguThambolenyoka ke makavume ukuba lingqina lenkundla ukuze bamkhusele asinde.√√ (2)

5.2.7 Ngokuthi abe ngoyena msebenzi utshatsheleyo ekulobeni amantombazana axhatshazwa nguThambolenyoka√√/ngokuthi athobele yonke imiyalelo ayinikwa nguThambolenyoka√√/ngokuthi axelele uThambolenyoka ukuba uKuku ugxuphuleka kwizinto ezingamfuniyo zakwaNyoka.√√ (2)

5.2.8 Yidrama eyintlekele-siyolisi√ kuba kuyo kuxhatshazwa abantwana abangamantombazana ngokwesondo, batyiswa iziyobisi, bathengisiswe nemizimba nto leyo imbi neyonakalisa ikamva labo kodwa iphela umenzi wobubi onguThambolenyoka egwetyiwe ngezenzo zakhe√√/kuba uThambolenyoka ubulala ikamva labantwana abangamantombazana kodwa iphela egwetywa ze ngolo hlobo abe uDina uphumelele ekuchitheni obo bukumkani bakhe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)
**[35]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 04
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za



## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

## UMBUZO 6: UMHLAHLO NGAMEHLO – LL Ngewu

## ISICATSHULWA K: 'UMHLAHLO NGAMEHLO' – LL Ngewu

6.1 6.1.1 Sesokudlwengula uNompoxeko.√√ (2)

6.1.2 Sisifaniso.√ Sicacisa ukuba kwakungekho nomncinci umahluko phakathi kwepensile eyayisetafileni kunye neyayisendlebeni yommeli.√ (2)

6.1.3 Kuthethwa ngokhuphiswano loonobuhle√/kukho ummeli nomtshutshisi√/ityala lixoxwa kwinkundla yesilungu√/kuvela unyaka we-1995√/ kuthethwa ngepensile.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

6.1.4 Yimpahla eyayifonyozwe yabekwa phezu kwetafile.√
Yipensile eyayiphezu kwetafile.√
Yingxelo kagqirha.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

6.1.5 Sesokubanjwa kwakhe ebanjelwa ukudlwengula uNonkanyezi.√√ (2)

6.1.6 Kunjalo, kuba wayekho eyokuxhasa uNompoxeko mhla kwakuxoxwa ityala lokudlwengulwa kukaNompoxeko nguZolani.√√ (2)

6.1.7 Kukuba yena noZolani babekhe bathandana.√√ (2)

6.1.8 (a) Yeyokuba kugxininiswe kubufutshane besinxibo sakhe ngendlela egxekayo.√ (1)

(b) Sesokuba inkundla impheke imophula ngesinxibo sakhe esifutshane endaweni yokuxoxa ngesenzo esibuhlungu sokudlwengulwa kwakhe nguZolani√√/ sesokunyhashwa kwelungelo lakhe ngokuba anyeliswe ngesinxibo sakhe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

6.1.9 Kukuba nomqolo√/kukuba ligorha√/kukuba likroti.√

[Nayiphi enye kwezi.] (1)

**KUNYE**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 04
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

www.mycourses.co.za



Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za



## 6.2 ISICATSHULWA L: 'NGUMNTU ONJANI LO?' – LL Ngewu

6.2.1 Ayeze kungcwaba uManduleli.√ (1)

6.2.2 Eyokuba le nkosikazi yohlukana kudala kakhulu noManduleli.√√ (2)

6.2.3 Wayekhathazekile√/wayebuhlungu√ kuba kwakumana kuvakala isikhalo sakhe yedwa phakathi kwabazili.√√ (3)

6.2.4 NguNdawana√ noMandaba.√ (2)

6.2.5 Kukuba uManduleli akukho nto wakha wayenzela mntu.√ Wayengahambi mngcwabo wamntu.√ (2)

6.2.6 Lafuna isiqinisekiso somtshato kumfazi otshate ngokusemthethweni noManduleli.√√ (2)

6.2.7 Ngokuthi anikezele ngesiqinisekiso somtshato ukuze uManduleli abe uyangcwatywa.√√ (2)

6.2.8 Libali elingemiba yentlalo√ kuba liveza ingxaki olwalujongene nayo usapho lukaManduleli akubhubha ngenxa yokuba ebengakhathalele bantu ngexesha lokuphila kwakhe√√/kuba liveza ukungaxabisi kwabantu umgcwabo kaManduleli ngenxa yokuba naye ebengasebenzisani nabantu ekuhlaleni.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**OKANYE**

www.mycourses.co.za

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 04
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za



## ICANDELO D: ISIHOBE

## UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye

### 7.1 INDODA YOKWENENE – K N MANCIYA

7.1.1 Le nt' indoda ngumhloniphi wesiqu sayo.√ (1)

7.1.2 Sisizwe sayo√/zizalamane zayo√/ngumfazi wayo.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

7.1.3 Kwi-okthevu kugxininiswa kwizenzo zendoda yokwenene√ kanti kwisesthethi kuvezwa iimpawu zendoda yokwenene.√ (2)

7.1.4 Eyokuba indoda yokwenene iyihlonipha ngokugqithisileyo inkosi yayo.√√ (2)

7.1.5 Yingcongolo.√ Sikweko.√ (2)

7.1.6 Ngoweliso√/ngowokubona.√ (1)
Ukuba indoda yokwenene ijongana neengxaki ezinzima kakhulu.√√ (2)

7.1.7 dd√ (1)

7.1.8 Ndingazinqwenela kuba indoda yokwenene yomelele kwaye ithobekile√√/kuba iyamelana neengxaki ejongene nazo√√/ ingumntu ogcine isidima sayo nosapho lwayo√√/ayithethi yonke into√√/iyakwazi ukuziphatha nokuzeyisa.√√

**OKANYE**

Andinakuzinqwenela kuba azikhankanywanga iingxaki ezihambelana nezi mpawu zixeliweyo zendoda yokwenene√√/ azikhankanywanga zonke iimpawu zendoda yokwenene√√/kuba uphawu lwendoda yokwenene lokuba ayikhali nokuba iva ubunzima alibonakalisi buntu ngokupheleleyo kuba intlungu yinto echaphazela wonke umntu.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

7.1.9 Yonwabile.√ kuba ityhila imisebenzi nesimo esihle sendoda yokwenene√√/kuba incoma imisebenzi yendoda eyindoda yokwenene.√√ (3)

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 04
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

www.mycourses.co.za

**KUNYE**


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za



7.2 **MFAZINDINI WASE-AFRIKA – KN Manciya**

7.2.1 Ukuba baze kungqina umhlola obonwa yimbongi.√ (1)

7.2.2 'Thetha kaloku...'√√ (2)

7.2.3 Ukuba ingqondo yakhe ikule nto ayenzayo ngokupheleleyo, akaphazamiseki kuyo√√/ ingqondo yakhe yonke ithatyathwe ngulo msebenzi awenzayo.√√ (2)

7.2.4 Ngowomntu obhuca udaka ngezandla ngenjongo yokulucola.√√ (2)

7.2.5 Kukuthwala iipali ezinzima.√
Kukwenzela ooyisezala ibhekilana yomthayi.√ (2)

7.2.6 Kumntu oNtsundu√/kumntu oMnyama√/ kumntu oyindoda.√ (1)

7.2.7 Yindoda eluphethe kakubi usapho lwayo√/yindoda elubethayo usapho lwayo.√ (1)

7.2.8 Lolokuba akanakulinganiswa namntu umfazi wase-Afrika ngemizamo yakhe√, ngokwenza indoda ibenesidima√ nangokuyakhela usapho.√ (3)

7.2.9 Yithoni ecengayo√/ekhuthaza intsebenziswano√ kuba kusetyenziswe isigama, 'ngamana', 'kukuphathisana', 'kuhlonelwane'.√√ (3)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

www.mycourses.co.za

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 04
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION


Source: www.mycourses.co.za

Get more papers from: www.mycourses.co.za

www.mycourses.co.za

Source: www.mycourses.co.za